Isalathiso: 20160505-67
Ifayile: 14/7/1/2
Imibuzo: Nksz NF Sobetwa-Magodla

Isetyhula: 0021/2016
Umhla Wokuphelelwa: 30 Juni 2016

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-Ofisi zeZithili zeMfundo), KumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi boZoncedo ngezeKharityhulam, kuBaphathi beSekethe, KuBaphathi bezengcaciso, ukuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngobuchule, kuBaphathi boQuquzelelo ngeze-*SLES*, kubaQuquzeleli bezoVavanyo, kuBacebisi ngezeKharityhulam, nakuBaphathi bamaZiko eMfundo yaBadala

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa amaziko emfundo yabadala ngethayimthebhile yokugqibela efakelwe izilungiso yemviwo zeMfundo noQeqesho lwaBadala (ABET) iNqanaba 4 lwangoJuni 2016*

Isihloko: Ithayimthebhile yokugqibela efakelwe izilungiso yemviwo zeMfundo noQeqesho lwaBadala (ABET) iNqanaba 4 zangoJuni 2016

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni lifumene *iMemorandum No 02 ka-2016* kwiSebe leMfundo ePhakamileyo *(DHET) ilungisa ithayimthebhile* yeemviwo zikaJuni 2016 zeMfundo noQeqesho lwaBadala (ABET) iNqanaba 4.

2. Ngokwethayimthebhile ka-ABET ehanjiswe kumaziko ngeSetyhula 0018/2016 yomhla we-26 Epreli 2016, ***iWholesale and Retail*** ibemele ukubhalwa ngo14:00 ngoLwesihlanu umhla we-17 Juni 2016. Esi sifundo asisayi kubhalwa ngalo mhla wawuxeliwe ngenxa yeholide zesikolo koko ngoku siya kubhalwa ngoLwesibini uhla we-21 Juni 2016.

3. Kuqhotyoshelwe ithayimthebhile elungisiweyo yeemviwo zikaJuni 2016 zeMfundo noQeqesho lwaBadala (ABET) iNqanaba 4.

4. Kucelwa wazise okubhalwe kule setyhula bonke abaviwa nootitshala.

ISAYINWE: NGU-PA VINJEVOLD
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-05-20